

Isalathiso: 20191206-2544
Inombolo yefayili: 12/2/8/23
Imibuzo: L Sopotela

Ingcaciso eMfutshane ye-National School Nutrition Programme (NSNP): 0001/2020

Iya: KuBalawuli abaziNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kuBalawuli beeSekethe, kuBaqquzeleli zeeSekethe nakwii-Liason Officers ze-NSNP, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamla kwi-NSNP nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo ezinabafundi abaxhamla kwiprogram

Isihloko: Imigaqo ekhawulezileyo emayilandelwe ngamagosa ezithili e-NSNP kunye neenqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezikwi-NSNP

1. I-National School Nutrition Programme (NSNP) yiprogram karhulumente yokuphelisa indlala, eyaqaliselwa ukunika inkxaso nokuphumeza ilungelo labantwana elisisiseko, lokufumana ukutya nemfundo.
2. I-NSNP ixhaswa ngemali yegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango liSebe leMfundo esiSiseko (DBE). Isikhokelo sale granti sicaciswe gca kwi- Division of Revenue Act ka-2019 (Act 16 ka-2019).
3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lizinikele ekuboneleleni ngezidlo ezinezondlo zomzimba kubafundi ekujoliswe kubo abakwindawo zokuhlala ezihlwempuzekileyo ukuphucula impilo yabo ngayo yonke indlela enokwenziwa.
4. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa bonke abathabathi-nxaxheba (abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe, abaququzeleli bezithili be-NSNP, amalungu ebhunga lolawulo, iinqununu, obaququzeleli bezikolo be-NSNP namavolontiya okuphatha ukutya) ukuba kuphicotho-zincwadi lwangaphakathi kucetyiswe ukuba kulandelwe iinkqubo ezithile ngokukhawuleza ngamagosa e-NSNP kwizithili naziinqununu khona ukuze i-NSNP isebenze ngendlela enempumelelo ngokungaphezulu.
5. Uphicotho-zincwadi lokugqibela olwenziweyo ezikolweni luqaqambise le miba ilandelayo efuna ukuthathelwa ingqalelo ngokukhawulezileyo:

- a) Abaququzeleli bezithili kunye namagosa azii-*liaison officers* kufuneka benze lo msebenzi yaye bafanele ukuphendula ngokuqhubekayo ukuqinisekisa ukuba ziyathotyelwa iifundo ezimalunga noku.
 - b) Xa kukho imfuneko yamaxwebhu achaphazekayo kodwa abe engangeniswanga, kufuneka iSekela eliyiNgcali yeMfundo eyiNtloko, likulandelele ukufakwa kwamaxwebhu phambi kokuba kwenziwe ingxelo yekota yeSebe leMfundo esisiSeko kazwelonke (DBE).
6. Kuqatshelwe le miba ilandelayo yokutyeshela ukuthobela imigaqo ezikolweni ekuphicothweni kwezikolo ezininzi:
- a) Imenyu yezidlo ayikhange isetyenziswe.
 - b) Akulandelwanga umlinganiselo nobungakanani obumiselweyo.
 - c) Abafundi abasifumananga isidlo ngo-08:00.
 - d) Iifom zokubeka esweni isitokhwe, iirejista zokutyisa kwabafundi neerejista zokusebenza kwamavolontiya okuphatha ukutya azingeniswanga.
7. Amagosa ezithili amele ukubambelela kumanyathelo olungiso nothintelo alandelayo ukulungisa iimeko zokutyeshela ukuthotyelwa kwemigaqo ezichongwe kwisahluko 6 esingasentla.
- a) Isixhobo sokubeka esweni i-*NSNP* kufuneka sisetyenziswe kwaye izikolo ezityeshela ukuthobela imigaqo kufuneka zohlwaywe. Ukungatyiwa kwabafundi ngokwemenyu, nemimiselo yomlinganiselo ebekiweyo nangokobungakanani, kuya kuba negalelo ekuhlelweni kwesikolo ngokwendlela esiqhuba ngayo.
 - b) Izikolo ezingabatyiyo abafundi kude kube ngu-08:00 kufuneka zibhalele umlawuli wesithili ileta zicacisa imingeni ezijongene nayo nezizathu zokuba kutheni isikolo singalithobeli ixesha elibekiweyo. Isikolo kufuneka sicacise kumlawuli wesithili ukuba siza kuyiqalisa njani iprogram yesidlo sakusasa esikolweni sabo. Kucelwa ukuba kuthathelwe ingqalelo ukuba kubalulekile ukuqinisekisa ukuba ixesha lokutyisa alidluleli kwixesha lokufundisa.
 - c) Izikolo ezingazingeniyo iifom zokubeka esweni isitokhwe, iirejista zokutyisa kwabafundi, neerejista zamavolontiya apha ukutya kufuneka zixelwe kwiSekela eliyiNgcali yeMfundo eyiNtloko nakumphathi weseke the wesikolo eso ukwenzela ukuba bawulandelele lo mba yaye bakunyanzelise ukuthotyelwa kwale migaqo.
8. Inqununu njengegosa elifanele ukuphendula ngosetyenziso lwemali esikolweni, kuluxanduva lwayo ukongamela ulawula lwayo yonke iprogram esikolweni (makujongwe kwisahluko 2.3 seSetyhula 0015/2014 ye-09 Apreli 2014).

9. Uyacelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abathabathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS

USEKELA MLAWULI –JIKELELE WECANDELO LOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO

UMHLA: 2020-01-09